Classic Xhosa Version

The first verse and chorus of this version are the original words composed by Sontonga in 1897. The remaining verses were added in 1927 by Samuel E Mqhayi.

Nkosi, sikelel' iAfrika;
Malupakam'upondo lwayo;
Yiva imitandazo yetu
Usisikelele.

Chorus
Yihla Moya, Yihla Moya,
Yihla Moya Oyingcwele

Sikelela iNkosi zetu;
Zimkumbule umDali wazo;
Zimoyike zezimhlonele,
Azisikelele.

Sikelel' amadod' esizwe,
Sikelela kwa nomlisela
Ulitwal'ilizwe ngomonde,
Uwusikelele.

Sikelel'amakosikazi;
Nawo onk'amanenekazi;
Pakamisa wonk'umtinjana
Uwusikelele.

Sikelela abafundisi
Bemvaba zonke zelilizwe;
Ubatwese ngoMoya Wako
Ubasikelele.

Sikelel'ulimo nemfuyo;
Gxota zonk'indlala nezifo;
Zalisa ilizwe ngempilo
Ulisikelele

Sikelel'amalinge etu
Awomanyano nokuzaka,
Awemfundo nemvisiswano
Uwasikelele.

Nkosi Sikelel' iAfrika;
Cima bonk' ubugwenxa bayo
Nezigqito, nezono zayo
Uyisikelele.